Kwindawo ekutiwa " Umgqaliselo " (enditate ukuba kutetwa *ezona* zinto kujongwe ukwenziwa zona, amalungelo &c., &c., ukubalwa kwabavoti; ukunyu- Iwa kwamalungu e Palamente, ukumi- wa kwemihlaba, nezinye izinto)—lenda- wo yokugqibela imnyama kum—andiyi- qondi into eyitetayo. Loke ngumhlaba omenyelwa kuwo umzi ontsundu. Umhlatyana omncinane kunene nokuba ubuseko. Ke ukubalwa kwamagama abavoti, nokunyulwa kwamalungu e Palamente sezagqitywa yi "Mvo"; oko kukuti, ngumsebenzi wayo weminyaka ngeminyaka. Sixelelwa yi " Mvo " ukuba umzi mawufake Amagama! Amagama!! Amagama !!! Siva nge "Mvo" ukuba lunyulo ekutini; ama- doda aselugqatsweni pambi komzi ngala; uze umzi wakowetu wonke ufele ko Nantsi nako Nantsi, ungazilingi ngo Nantsi no Nantsi; yintonina ke esaswe- lekilcyo? Izakungena pina ke le Ko- miti? Kuba ezizinto sekukade sizixa- mla nge " Mvo." Wonke lomsebenzi ngowe " Mvo Zabantsundu." Lento kum ngati bubuqinga onudandazileyo bokubanga inyamakazi ebinzwe ngo- mnye umntu. Oka Tunyiswa angazi- ncoma ubulumko kanti wonke ubani uvazi ukuba ngabo Makiwane nabo Wauchope nabo Jabavu ngokutunywa ngumzi wakowabo ababulala i Pasi Engqongqo no Tung'umlomo; nokuba kanjalo yi " Mvo " le eyanqamla inzipo ezibukali zomteto. Ndamfumana u Mr. Tunyiswa kwamhlamnene efana nesikwenene esikwazi ukubiza inkuku ; esiti xa inkuku zisalibele sivakale sisiti: Tyep ! Tyep! Tyep! ze ziti zakuwasazela inkuku sisuke siti rutyu ngonondyolo. Wenjenjalo ngentlanganiso yake yase Mkangiso eyayimenywe kwanguye.

Mawulumke umzi kuba inxalenye yalamadoda yeqele ukucola imvutuluka eziwa etafileni ye Nkanunu. Uyazi ke umzi ukuba i General Election imbovu kupi, kungahle kube kuyawa hlakule- Iwa o Nkanunu. Mna andazi nto ilungele umzi yaka yenziwa yile Ko- mponi kuba yati mhla yati yenza into yakupa indoda yokubaleka pambi ko Nkanunu ihamba idanduluka isiti: MKULU U NKANUNU WAMA J AMANI. Kambe umzi usalazi ityala lento ka Nxele "Umahod' ayalila." Paas op, mzi ontsundu. Uxam woko- Iwa lintintinti ukuba nilele.

Amacapaza.

UHLOBO oyakuquba ABAMNYAMA ngalo umteto omtsha ABASE ongabemi abamnyama ziFAMENi. abasezifameni alucace kanye nakubapati be- siko, ngokukodwa mayelana nabalimi bezahlulo ezifameni. Imantyi yase Tarkastad ike yanetyala elisondezwe pambi kwayo pantsi kwalomteto, egwe- be ukuba abalimi bezahlulo abanakufu- duswa ngalomteto mtsha kuba benge- ngabo abantu be Lokeshoni kodwa zicaka zamafama! Halala '.

ABAFUNDISI base Rau- UNXILO tini kweziveki zipelile-
E RAUTiNi. yo babekise isicelo kwi

Gqugula elinikela im- vume yokutengisa utywala, esibonisa ukuba uhlobo olulo ngoku umteto uda- la intshontsho engapezu kweye Sodom ne Gomora. Abafundisi balibongoze ibunga elo egameni lika Tixo ukuba liguzule kanobom kwi nkanti eseziko. U Rulumente ubeselenevuso naye, ucela ibunga ukuba malinganikeli mvume zimbi kwi Lokeshoni zama Kula ne Netevu. Kwaliwe nenkita yezinye ebe- sezicelwa.

IPEPA elisingete imici- AMACEBO mbi engokulima (Agri- NGEMIBONISO. *cultural Journal)* lina- macebo afanelwe uku- kangelwa kumanqaku ahlokomise Um- boniso wase Xalanga. Kumteto oti igama lombonisi malingabekwa entweni ayibonisayo de ibe siwile isigwebo sabagwebi, liti, ngekubuya kusitiwa mawabuye abekwe amagama kwakuba kufeziwe oko. Lonto inokubanga ukuba bafunde abantu ekubazini abafumene amagama amahle ngempahla yabo. Kumboniso wase Cala sipaula ukuba u Hon. P. H. Faure, M.L.A., ulimanye no Mboniso, ngendlela yokuwukhtaza, igama lake Kuhle-ke.

SIYAVUYISWA kukuva IBHOTWE ukuba u Mr. G. M. LABANTSUNDU Thcal unyuselwc kwi E KAPA. bakala elingentla kwi ofisi abasebenza kuyo e Kapa yo Mpatiswa- Micimbi Yabantsu- ndu. Unikwe isihlalo ebesinomfi u Mr. Peter de Smidt (sobu Chief Clerk) Igosa Elikulu Lokubala. Kulungile ukuba abe kwezondawo kuba u Mr. Theal, njengowayese Lovedale, unokuqondana okute-tyi ngabantu bakowetu kunento eninzi yabelungu eti inikwe ezozihlalo ibe ingenalo nofifi ngabantu emiselwa ukubalaula. Kanti ke noko eyona nto iyakude ibe luncedo kukuba kwibotwe elinjengelipatele abantsundu kubeko amadodana nokuba mabini antsundu anganika amacebo ngabantu bakowawo kumanene apete umbuso.

KUKO ingxoxo eseku- ISITETO mzuzu ipambi komzi NGEMBEDLENGE omhlope engababantu EziMHLOPE. bakowabo a b a p antsi ebuntwini ngokude babe ngapantsi nakubantu abantsundu. Inkoliso yababantu ngama Bulu; kude e Kapa kwamiswa i Komiti yokukange- la lomcimbi ke yona iwuyaleze ngoku- bukali kubafundisi bama Bulu. U Mr. Herbert H. C. Baker walapa e Qonce yena uti ama Bulu ngelevuma ukuba utywala burafiswe, ngalondlela kuyaku- ncipa umtombo ovelisa inxwaleko enje- ngale; ze kubeko nemali yokubahla- mbulula ababantu baxwalekileyo. Uti ke kude kube kwenziwe oku ama Ngesi akasakuncedisa kuyapi. Siti tina usa- teta owakwa Bekala.

KWIPEPA lokugqibela NGONYULO lase Tinara u Mr. Bid- LWASE well uvakalisa ukuba TINARA. uliroxisile igama lake ku Mnyadala Wonyulo. Isizatu kukusuka inxalenye yomzi abe- wutembile uludakumbele u n y u l o, omnye kubonakcle sewuxasa icala lama Bulu. Kuko ulure lokungati u Mr. A. Fowler angangena clugqatsweni, esinga- vuya luyinyaniso, kuba ingayinto elu- sizi ukuba isifumane i Bonti esisitulo e Palamente ingalwanga. Olunyulo sisati lonakaliswe ngamanene ekuka- ngelwc kuwo apo e Tinara anjengo Hon. John Dolley no Mr. Mackay, M.L.A., ukuba umzi bangawulungiseleli indoda ongamisa kuyo inyawo bewazi ukuba unobutyamtyam entweni zase mbusweni.

INDODA epete ipetsha- UKUNCHOLISW A na elishicilelwa eKok- KWA stad, i *Advertiser,* izi- JIA-MPONDO. misele ukuwancblisa ama Mpondo, nokuwe- nza intshontsho ku Rulumeni. Kwezi veki zimbalwa zipelayo lipikele ukuba- lisa ngento ezoyikekayo zokubulawa okubi kwabantu, esiqinisekileyo tina ukuba ubuninzi bezinye ingxelo buyo- ngezelelwa. Kakade into eyenzelwa yona lento kukuba ubukumkani bama Mpondo buqetulelwe ku Rulumeni. Ukuba lonto iyenziwa makungabi nge- nteto ezongezelelweyo ezinjengezi, ema- simvuse u Rulumeni ukuba azilumkele, ngokukodwa kuba zibahva yindodana eke yenza nencwadi ebalisa ngamasikizi angazanga abako iwenza into ezihlileyo. Sivusa u Rulumcni ukuba angazidubi ngenteto zalemambane.

U TSHAYINI ngumfu- ndisi wase Nxukwebe ABAZONDE INTO owaye evakala ngemini ABAYIZONDILEYO . zake. Ke ipepa eliyi *Cape Argus* lase Kapa lincoma unyana walowo mfundisi u Mr. Wm. P. Schreiner, Q.C., oseleyinjonjeli kubateteli bamatyala amakulu e Kapa, laye lisiti angasifanela kanye isihlalo e Palamente. Kuvakala ukuba kuko iqela lamanene elizidale ubukomiti apo e Kapa ukuba limzamele ukuba abe ngomnye wabameli bakona, nakuba kunganqwenelekayo oko kubonakala u- kuba ukungena kwake kungenzakalisa ango Mr. Fuller no Mr. Wiener esinga- hlekiyo ngawo. Liti ke unanina aku- qetula u Dr. Smuts kwi Cape Division. Kekaloku u Dr. Smuts ngomnye wama- nene esiwatembileyo ebulungiseni, ebe- singakolwa u Mr. Schreiner ekangele isihlalo esinendoda engamkelekileyo aqetule yona angene.

NJENGOKUBA besazi a- INGXOXO bafandi bamapepa, ENGONTSUNDU. ayincinana. kwabam- hlope ingxovo engento amakenziwe yona ontsundu ukuze a lunge. Sinovuyo ukuti sinempawu ezalata ukuba have beqonda nabamhlo- pe ukuba lonto ikukutukutezela kodwa okungabancedi luto, kodwa kuwuhlalisa kakubi umzi ontsundu. Kweziveki zigqitileyo ke savakalisa inteto yefama lase Ngqushwa eliti Iona—Lempato yabantsundu ifunwayo ayinto yimbi ngapandle kokudubaduba .abantu aba- mnyama ngemiteto, abati bakuwuqela lo babe sebesenzelwa omnye ukuba bangonwabi. Siti tina uhlabe ekangele uwetu lowo. Namhla siyifumana i *Cape Mercury* ipalaza kwa olo luvo. Itcta nge Nkisimusi iti i *Mercury:* "Kwindlela zombuso sifumcne ubulumko bokungalauli ngepika, ngoko ke i Nkisimusi isifumana iluxolo singaka- tazwa nakungabi namteto kwama Mpondo. Oku kunokufundisa amadoda etu e Palamente ukuba ingxoxo enge- mpato yabantsundu iyinto endululwa ngabantu abamhlope ngokwabo xa batandayo."

Inguqulo yase Ngcobo

IVANGELI NG0KUBHALA

KUKA MATEYU.

ISAHLUK0 XIII.

UPUMILE u Yesu endlwini kwa- ngalomini waya kuhlala ngase lunxwemeni lolwandle.

2. Kwahlanganiselana kuye izihlwele ezikulu wada wangena enqanaweni wahlala pantsi saza sonke isihlwele sema elunxwemeni.

3. Waza wateta kubo ngemizekeliso izinto ezininzi wati: *Niyabonani umhlwayeli wapuma ukuya kuhlwayela.

4. Kwati ekuhlwayeleni kwake inxe- nye yembewu yawela ecaleni lendlela zafika intaka zayidla.

5. Inxenye yawela ezindaweni ezibu- tala apo ingafumananga mhlaba 'mni- ntshi, yahluma kwaoko kuba ibingena bunzulu bomhlaba.

6. Yati lakuba lipakamile ilanga ya- tsha; yaza kuba ibingena ngcambuyafa.

7. Inxenye yawela pakati kwemitana enameva yaza lomitana yakula yayi- bulala.

8. Kodwa inxenye yawela emhlabeni olungileyo, yona yanika isiqamo: inxe- nye ikulu, inxenye amashumi amata- ndatu, inxenye amashumi amatatu.

9. Onendlebe zokuva makeve.

10. Bafika abadisipili bati kuye: Ku- nganina ukuba utete nabo ngemizeke- liso.

11. Wapendula wati kubo: Kungo- kuba kupiwe nina ukuzazi imfihlakalo zobukumkani bezulu, kodwa bona aba- kupiwanga.

12. Kuba osukuba cnako yena uya kupiwa, aze abenako ngokugqitileyo; kodwa osukuba engenako uya kuhlutwa kwanoko angaba unako.

13. Kungoko enditeta kubo ngemi- zekeliso ngokuba bati bebonanje babc- ngaboni, besivanje babengeva, benga- qondinokuqonda.

14. Kubo ke kuzaliseke isipolofitesho sika ISAYA esiti: Ngokuva kona nova kodwa aniyi kuqonda, nangokubona nobona kodwa aniyi kuqiqa.

15. Kuba intliziyo yabantu iqaqade- kile, nendlebe zabo zibutuntu ekuveni, namehlo abo bawacimile hlcze nanga- lipina ilixa babone ngamehlo abo beve ngendlebe zabo, baqonde ngentliziyo zabo baguquke ndize mna ndibapilise.

16. Kodwa awenu amehlo anetamsa- nqa kuba ayabona, kwanendlebe zenu kuba ziyeva.

17. Kuba ngokwenene nditi kuni, baninzi abapolofiti nabantu abalungileyo ababenqwenela ukubona ezonto zibo- nwa nini, abazibona; nokuva ezonto ziviwa nini, abaziva.

18. Yivani ke ngoko umzekeliso wo- mhlwayeli.

19. Xeshikweni umntu alivayo ilizwi lobukumkani abengaliqondi, kufika okohlakelcyo akuhlute oko kube ku- hlwayelwe *entliziyweni yake. Nguye lo owamkela 'imbewu eyawa ecaleni lendlela.

20. Lowo ke wamkela imbewu ezi- ndaweni ezibutala, yena ungova ilizwi aze asuke alamkele ngovuyo.

21. Kanti noko akanangcambu zende- leyo pakati kwake ati ke emeumzuzwa- na, kodwa kwakufika inkatazo, mhla- umbi intshutshiso ngenxa yelizwi axa- kaniswe kamsinya.

22. Nalowo wamkela imbewu eyawa pakati kwemitana enameva ngulowo ulivayo ilizwi ize inyamekelo yelizwe nenkohliso yobutyebi zilixine ilizwi lize lingabi nasiqamo.

23. Kodwa lowo wamkela imbewu eyawa emhlabeni olungileyo, ngulowo ulivayo ilizwi aliqonde, ati kunganqo atwale isiqamo, inxenye ivelise ikulu, inxenye amashumi amatandatu, inxenye amashumi amatatu.

24. Wabuya wabenzela omnye um- zekeliso wati: Ubukumkani bezulu bufaniswa nomntu owahlwayela entsi- mini yake imbewu elungileyo.

25. Koko kwafika utshaba lwake xa abantu baleleyo ubutongo lwahlwayela umdiza pakati kwenqolowa lwemka.

26. Kodwa kute lakuba lidubule ika- ba lakuvelisa isiqamo wandula wabo- nakala nomdiza.

27. Zezake izicaka zomninindlu zati kuye: Nkosi ubungahlwayelanga imbe- wu elungileyo na entsimini yako, iwu- fumene pinake umdiza.

28. Wati kuzo kwenziwe lutshaba oku. Zaza izicaka zati kuye, nnga singaya kuwubutana.

29. Wati yena: Hayi, hleze niti niketa umdiza nincotule nengqolowa kunye nawo.

30. Yekani kukule kokubini kude kuvunwe, ndandiyakuti ngexesha lokuvuna kubavuni: Hlanganselani ndawo- nye tanci umdiza, niwubope izitungu ukuba utshiswe. Kodwa ingqolowa yona yibuteleni kuvimba wam.
31. Wabenzela omnye umzekeliso wati: Ubukumkani bezulu bufaniswa nokozo Iwembali yemositadi awalutaba- tayo umntu walutyala entsimini yake.
32. Olululuncinane okunene ezimba- lini zonke, kodwa xa lukulileyo luba ngapezulu kuyo yonke imifuno, lude lube ngumti, zide nentaka zize zakele emasebeni awo.
33. Omnye umzekeliso wawenza kubo: Ubukumkani bezulu bufaniswa negwele awalitabatayo umfazi walifaka emgube- ni ozizilinganiselo ezitatu, wada wonke wabiliswa.
34. * Ezizinto zonke u Yesu waziteta ngemizekeliso kwizihlwele, akatetanga nazo ngapandle kwemizekeliso.
35. Ukuze kuzaliseke okwatetwayo ngumpolofiti esiti:

Umlomo wain ndiyakuwuvula ngemizekeliso;
Ndiyakuvakalisa izinto ezibezinqatyisiwe kwasekusekweni kwo mhlaba.

36. Wandula u Yesu wasindulula isihlwele waya wangena endlwini; beza abadisipili bake kuye bati: Sicazele umzekeliso womdiza wentsimi.
37. Wapendula wati kubo: Lo uhlwayela imbewu elungileyo ngu Nyana woluntu.
38. Intsimi lilizwe; imbewu elungileyo lusapo lobukumkani, kodwa umdiza hlusapo lokohlakeleyo.
39. Utshaba ke olwawuhlwayelayo ngu Satana, ukuvuna kukupela kwelizwe baye abavuni bezingelosi.
40. Njengokuba ngoko umdiza uhlanganiswa utshiswe ngomlilo, kuyakubanjalo ekupeleni kwelilizwe likoyo.
41. Unyana woluntu uyakutumela ingelosi zake, zaziyakuketela ngapandle kwobukumkani bake zonke izinto ezixakanisayo nabo benza inkohlakalo.
42. Zibapose esidlangalaleni somlilo apo kuyakubako ukulila nokuqaqazela kwamazinyo.
43. Boqalake abalungileyo bakazimle njengelanga ebukumkanini buka YISE. Onendlebe zokuva makeve.
44. Bubuya ubukumkani bezulu bufaniswe nendyebo efihlwe (nobutyebi obufihlwe) entsimini, ati umntu akuba eyibaqile ayifihle, ati ngenxa yovuyo aye atengise konke anako aze atenge lontsimi.
45. Kanjalo ubukumkani bezulu bufaniswa nomntu ongumrwebi ohamba efuna ipenile ezinqabileyo.
46. Owati akuba efumene iperule enye exabiso likulu waya watengisa ngako konke abenako watenga yona.
47. Kanjalo ubukumkani bezulu bufaniswa notambo lokuloba olwaposwa elwandle Iwabuta zonke intlobo.
48. Abati Iwakuba luzele balurolela elunxwemeni bahlala pantsi baziketela ezilungileyo ezityeni, bati ezimbi bazilahla.
49. Kuyakubanjalo ke ekupeleni kwe lizwe eli, ziyakufika ingilosi zibahlule abakohlakeleyo pakati kwabalungileyo.
50. Zibapose esidlangelaleni somlilo apo kobako ukulila nokuqaqazela kwamazinyo.
51. Wati ke u Yesu kubo: Ezizinto zonke niziqondilena? Bati kuye : Ewe, Nkosi.
52. Waza wati kubo: Ngokoke wonke umbali ofundiselwe ebukumkanini bezulu ufaniswa nomntu ongumninindlu orola endyebeni yake izinto ezintsba kwa nezindala.
53. Wati u Yesu akuba eyigqibile le mizekeliso wemka apo.
54. Wati akuba efikile izweni lakowabo wabafund sa ezindlwini zabo zesikungu kangangokude bamangaliswe, bati: Azi lomntu ubutabata pina obubulumko, kwa nalemisebenzi yamandla.
55. Lo akanguye na unyana womcwe- li? Unina asinguye na lo kutiwa ngu Mariya, nabazalwana bake o JEMSE no JOSESI, no SIMON no JUDAS.
56. Nodade wabo abakona pakati kwetu bonke na. Ngokoke lomntu ezizinto zonke uzizuze pina.
57. Basuka baxakaniseka ngaye. Kodwa u Yesu wati kubo: Umpolofiti uswela imbeko ezweni lakowabo nase ndlini yake kupela.
58. Waza akabasenza misebenzi mini- nzi yamandla apo ngenxa yokungako- Iwa kwabo.

UKULUNGISWA KWENDAWO EZIPOSISEKILEYO.

Isahluko II. verse 1, umgca 3—Kwabonakala izilumko, njalo-njalo—yiti: Kwabonakala kufika izilumko e JERUSALEM zivela Empumalanga.—Verse 3, umgca 2: Wakatazeka kwanayo yonke, njalo-njalo, yiti: Wakatazeka kunye nayo yonke i JERUSALEM.

Isahluko III: ver. 5—Kwaye kupuma kusiya kuye, njalo-njalo—yiti: Yapuma ke yaya kuye i JERUSALEM ne JUDEYA.

Isahluko IV : ver. 6, umgca 2—Zikahle- le ezantsi—yiti: Zilahlele ezantsi.—Umgca 6—Nangalipi ilixa, yiti: Nangalipina ilixa.—Ver. 21, umgca 3: ZEBETI—yiti: ZEBEDI.

Isahluko VI: ver. 1, umgca 2—Ukuba nibonwe, yiti: Ngokunga ningabonwa.— Ver. 32—Ngokuba ezizinto, njalo-njalo, yiti: Ngokuba zonke ezizinto babulaleka ngenxa yazo abhedeni

Isahluko VII: ver. 18, umgca 1 nowe 3, Awungevelisi, yiti: Awungevelise.—Ver. 25 umgca 2,—Umoya, yiti: no Moya.

Isahluko VIII: ver. 13, umgca 1—Ili- kulu, yiti: Elikulu; umgca 3—Isicaka, viti: Isicaka sake.—Ver. 14, umgca 1: Xa angeneyo, yiti: Akuba engene.—Ver. 16, umgca 4 : Abafayo, yiti: Ababesifa.—Ver. 19, umgca 2: Nokuba uya pina, yiti: Ndiye apo uyayo.—Ver. 21, umgca 1: Omnye, yiti: Waza omnye.—Ver. 22, umgca 1: U Yesu wati, yiti: U Yesu wati kuye.—Ver. 27, umgca 2: "Utotyelwa," elilizwi alifuneki.—Ver. 31, unigca 1: Zambongoza, yiti: Zambongoza idemoni zisiti.

Isahluko IX: ver. 12, umgca 1: Akuva, yiti: Akukuva.—Ver. 18, umgca 1: Kwa- bonakala, yiti: Kubonakele.—Ver. 27, umgca 2: " Zidanduluka," elilizwi alifuneki; umgca 3: Ngati, yiti: Kuti,—Ver. 36, umgca 2: Sezityafile, yiti: Besezitya file.

Isahluko X: ver. 2, umgca 3 : U SIMONI ekutiwa, yiti: okutiwa; umgca 5: ZEBE- TU, yiti: ZEBEDI.—Ver. 2, umgca 1: FILEPU, yiti: FILIPU.—Ver. 7, umgca 2: Ubukumkani bamazulu, yiti: bezulu.— Ver. 16, umgca 1: Yabonani, yiti: Niya- bonani.—Ver. 28, umgca 4: Umpefumlo nemzimba, yiti: kwanomzimba.—Ver. 37, umgca 1, Osukuba, yiti: usukuba.—Verse 39, umgca 3: yiti, nguyena uyakubufu- mana.

A. K. SOGA.

UKUWEZWA KWAMASELA.

Ibhotwe lo Mchazi-Mteto Wakomkulu litumele ilizwi kubo bonke omantyi ukuba amasela empahla akuba egwetyiwe makawezwe ulwandle asiwe e Kapa.

E KIMBILI.

[YI EDITOR]

Amabala okugqibela awenziwa pantsi kwalentloko abonakala kwele 22 December; aye ebeqoshesliswe ngelokuba imi- mangaliso ye Exhibition — eyona nto bekungayo — ingakangelelwa i n d a w o kwalandelayo. Ungqubeke futi kum- 'bhali umzi obute wasenzela imbeko yokuwalandela lamacapaza epepeni wa- kubona ade abe mabini amapepa elande- lelana, kube kungabonakali ukuzaliswa kwedinga. Kodwa kuti bayaziyo IMVO akubangako situkutezi; kuba sisazi ukuba ilipepa lempi esayiqalayo ' intungu- lulo '—ngoko linobuncinane bokungabi nakuyamkela ngexesha elinqwenelekileyo yonke into ekangele ukufakwa, yaye indawo yento ebezingene kumapepa angasingatanga lomcimbi ibinezinye izinto ezingadelekileyo kubaninizo,

---

Ongagocagoca ukubalisa ngazo zonke izinto ezibe zidweliswe kulo Mboniso Mkulu; kwanobuqaqawuli obebumana busenziwa ukubonisa imimangaliso ezi- nokuyenza izizwe zase Yerepe—siti, onokucukusha ayixole yonke into ebeli- nokupumla pezu kwayo iliso kweso sakiwo sikulu, nemihlaba yaso, angaba uyakwazi ukuhlinza intwakumba. Zibe zininzi kangako into ebezinokubonwa. Zininzi ezaziwayo, zininzi nabaqalayo ukuzibona abaninzi. Kunokutiwanina ke ukubaliswa kwenyambalala yento angati omnye esiti zintsha nje, kanti komnye indala. Kuseso sipitipiti ke ukubalisa ngesihandiba sento enjengalo Mboniso-Mkulu.

Kuko imfundiso esisiseko kwi " Jome- tri " eti " Into enkulu ngobukulu obo- bayo iti kanti seyishwankatele ezingaba zincinane"—*The greater includes the less.* Amabala engwe esiya kuwenza ngombo- niso bangasebetelekelela kuwo into ekungaba bekuyiyo, kuba siya kutabata ezona zinkulu izinto esigagene nazo.

Maseke sisiti kwasentloko: I Exhibition eyavulwa ngu Mhlekazi i Ruluneli u Sir Henry B. Loch e Kimberley ngo mhla we 8 September, 1892 —ivalwe kwa ngomhla we 8 ku December, 1892, njengokuba kwaxelwayo ukuba iyakuquba inyanga ezintatu. Lomboniso (Exhibition) ubumhle kakulu unezinto ezima- ngalisayo esikoliweyo ukuba uninzi Iwetu apa e South Africa lube luqala ukuzibona.

I SWITCHBACK RAILWAY.—Kwinto ezi- baleleyo abefike atsalwe zizo kwa esepa- ndle oze kubona ngu Loliwana oneligama lingentla. Kufike kwamiswa imiti ebude bulingana nezona zindlu zipakamileyo, ete kwezinye indawo yaya kuti nqo pantsi. Pezu kwalemiti ke kubekwe imigaqo yentsimbi, inqwelana ke zihamba pezu kwale migaqo ibugoso-qonqa. Xa uza kukwela kufuneka unyuka ngeleli, mazi- vulelwe ke eziuqwelana, zingatsalwa nto pofu, ainapanyapanya ke mfondini, ngati kokweleyo akuko nokupefumla oku; yinto ke mfondini xa ezinqwelana zenza logobogetye, ubon' ukuba umntu anga- runeka intaino umhlaumbi apoqe ukuba akahlalanga kakuhle. Ingozi yalomgcipeko obukwelwa kunene kowawo yaba- nye, yeyento ka Major Boyes eyati xa inyuka isihla lenqwelana kukwelwakuyo suka yona yema—akwaba kwanteto uku- fa kwayo, Kow kowetu asikolwa ukuba kuko owaka wayilinga; wakwenyela imisila wonke.

SEA ON LAND.—Uninzi hike luzibone izi kwitshano ezidadiswa elwandle nase macwebeni, ezi ke zona izi kwitshane ze Exhibition yase Kimberley zihamba kowomileyo utnhlaba, kuko umashini oziqubeyo ovuma ingonyana ezimyoli, oti xa ukweleyo ukumbule le.

BOCHUMRR RAILWAY.—Lololiwana liqekelana apa ebelijikeleza lomzi we Exhibition, inani akwelwa ngalo zidwe- bilityi ezintandatu.

IGUBU LAMA VIENNA.—Eligubu lalama- doda libete atshitsha amagutyana ase Kimberley. Lamadoda ase Vienna ku- bonakala ukuba lento ayifunde ngenya- meko enkulu ; umvumisi wamana esenza ukutyityimba okuhle ngokwalata pambi kwengqungqutela zabantu ezinga zange zabonwa apa e South Africa.

Awu! masimkankanye no Major Jackson, inzutela yomf ongangomntwa- na ominyaka mitatu, kanti seyisisanxu somfo, 21 iminyaka, omana ukuteta into ezingamlingeneyo.

Ngapakati ibubugoxo bento zonke " ukutabatela kwi naliti kuse kwi ankor," Inkoliso izizinto ezaziwayo, kodwa abenzi bazitumele kuba befuna ukuba badunyi- swe ngomsebenzi wabo, ukuze abatengayo sebeyaleza ezabo izinto. Ngesisizatu ke zibe lapa into ezenziwa zinchibi zase England—kumipu, imela, amazembe, ama yeza, indywala, ikari, njalonjalo, njalo- njalo, njalonjalo. Abanye bayatengisa kwezizinto zabo—sipitipiti. Ivenkile zeli zikupisana apa ngengubo ezintle ngoku- kodwa ezokutimba umzi ontliziyo zihleli zisaziwa ukuba zitambile kwinto ezinje- ngengubo —owase tyini. Zaye zivatiswe imifanekiso obungati ngabantu kanye esada komnye saqonda sesenze u ' Beg pardon' kuba side sasondela kufupi besingamboni !

Ontsundu umzi awunanto uzitumeleyo apo—siteta nezikolo, ngapandle kwesase Roma esise Lusutu esitumele imisebenzi yezandla yabacweli, neyemitungo, asixo- ranga mkita nakwinye kwezonto. Kwa- kona kwezabantsundu izintosingakanka- nya ibhotwe lezinto zobugcisa ezenziwe ngabe Sutu. Sinyukele egalali, sibone amatye anokubukwa entlobo zonke— ngapandle kwe daimani, yaye yona iva- lelwe pakati kwentsimbi ezantsi iyeya- kwa De Beer's; kunjalonje inamasentile- Site sisahamba apo pezulu sada salika kwisigxuzulu sengwevu ebikade ikwaza ete, Nyukela pezulu wakuba urole idwebi- ityi ezintandatu uye kubona i Kimbili ipela.

Okunene sinyuke amabakala saya kwi- ncopo yezakiwo ze Exhibition. Safika kwigumbi elimnyama elinebalana elim- hlope lokukanya pezu kwetafile elinalo- mfanekiso wento zonko ezihambisekayo umana nsetyenzwa ngentambo. Imvato kwimihlabaye Exhibition siyibone kulo tafile namabala ayo-abantu benyakazela ikebhu nazo apo. Okwenene sakolisa ukuwubona apo umzi njengokuba singa- banga nakuwuvelela amapondo awo. Umntu wakona ute ngokuhlwa wamana erola ofani-ngofani bemimangaliso yemi- lilo eluhlaza ebona nemhlope ekuti nge- linye ixesha kube semini apo kulomiyezo —neparadesi eyayino mawokulu yayi ngahonjiswanga njengale gadi ye Exhibition. Senga ngewawuye kuzibonela ngokwako.

UMVUMO WA MAGABA.

Ngokuhlwa kolwesi Tatu (4 December) Iwepelileyo iqela elinobom labapulapuli lahlaziywa ngomvumo omnandana kwi tyalike yabantsundu be Wesile, kuvuina o Revs. E. P. no John Magaba kwana- manye amalungu aio 'family' o Miss Ellen no Messrs. Reuben no Richard Magaba. Batsho ngento etnyoli. Kubeko nabeqela le Tim ye Tumente yase Kimberley abancedisa ngengonyana ezi- hlekisayo ngobunandi. Umgcobo lo ubungowokunika isandla kwibandla lase Beaconsfield kwindlu entsha eliyakele umfundisi, kwaye bekuzanyelwa ukuba kufunyanwe £5 e Qonce, ete okunene yazanyelwa yafikelelwa lelobuto. Isihlalo saye sino Mr. Tengo-Jabavu owaba nengoma ancedisa nge bass kuyo. Bonke abaye beko bazincoma itamsanqa.

ISIMANGALO NGEPEPA.

"Omnye owamkela Ipepa" (Clarke- bury) ubhala uti:—Ndibona epepeni lako isikalo sopepa ngokungeneli komvuzo walo ; ndifumana into ernbi. Kunganina ukuba ati owetu akuba nomsebenzi omhle olungele tina singawuhambiseli pambili. Maninzi amagwangqa afike esidla inkobe, ngoku alala ezindlwini zamatye ngoku- nyuswa siti; kanti ke lomsebenzi welipe- pa unika ingqondo kuti, yinto ebesifanelo ukuba singeva sikalo sepepa. Singeva kamnandi ipepa silixolisile. Ndiyibona ndiyibonile lento yokuti owetu akuba nomsebenzi singamnyusi, kanti elipepa liyintlaba-mkhosi ukusivisa izinto engazinezifo ezizayo. Kangelake ezochwane sesizivilo ngelipepa.

TRANSKEI.

Um-Transkei uti:—Kuko abayakusebe- nza ezifameni zangase Kapa. Indivuyi- sile mna kuba iyakufundisa abantsundu inkutalo. Akuncedi nto ukuqala ngoku- dlala ozibhola nozi tennis babe abantsundu bengekabi nazimali ezibankini.— Iyabuleleka kanye inguqulo yase Ngcobo. —Into amane ebhala ngayo u Mr. Ntloko esiti inkutalo itiutelwe zizibonda zama- qaba ayinyaniso lonto. Yona inyaniso apo ikona, inkutalo itintelwe zezo zibonda kanye ziti zingama Kristu kanye. Ise-shumini iminyaka mna ndizama ukuba abantu balima ingqolowa, ndibhalela imantyi yam ne Chief Magistrate, nditeta nezibonda ngezibonda ngalendawo ye- nkutalo, kungabiko-fa.

IZINTO NGEZINTO.

ISIFO SAMAHASHE.—Sekuko ishumi linambini lamahashe afe sisifo sawo e Ngqu- shwa.

INKOSI U GONYA.—Umntatn' enkosi u Edmund Sandile usahambele kweli ngemi. cimbi yes qu evela kwa Cetane.

UMBANE—U Mr. Nel wage Lady Frere kutiwa ubetwe ngum'bane kufupi nalowo mzana icala lonke lisweliswe amandla.

UKWANDISWA KWE NTOLONGO — Itolongo yaso Johannesburg iyahlonyelwa ngenxa yokwanda okukulu kokwapulwa komteto ngabantu kona.

AMAXABISO OKUWELA.—Umzi oma Yarepe uyiririzela kakulu into yokuba amadoda ahambisa inqanawa pakati kweli ne England elinyusile ixabiso ngentloko yomntu lokusinga pesheya.

OZIBULELE E DORDRECHT — Indodana emhlope engu Hugh Johnstone yeqela le C.M.R izibulele ngolwesi Hlanu (30 Deo) ngokuzidubula ngepistoli emlonyeni. I- mbumbulu iye yafunyanwa ligqira ebuco- tsheni.

SEYMOUR.—Owalapa ubalisa ngezidlo ezi- bini ze Nkisimusi, esinye senziwe ngu Mrs. Silimela wamemela yonke into egqita nge- ndlela opantsi nopezulu, iqaba ne kolwa— yonwaba impi. Esinye gaba sesimanene namanenekazi senziwe ngu Mrs. Qunyana.

ITUMENTE—Itumente seke yatabata ibala elikulu kwelipepa, asiboni ukuba kufuneka nganto ukuba itabate ngapezulu. Sitsho ngenteto yo "Mkomani" neka " Nqubela " wage Qonce Sokankanya ezindawo—Nge- dinala ye Tumente uti " Umkomani : — Ayi. sekubehle ilityalwe ngabebekuyo, naknba yatyiwa leti yintwana leyo. Sifiko kule ndawo sincomo ngokongazenzisiyo sizoku- yibandakanya ne lunch ebisenzelwa lemi. kosi kosi yezindawo zazimenyiwe li Qonce, giti giyabulela Qonce ndini kuba ungadinwa siti, kanjalo wapumelela ngokuncomekayo, intumbu bezifana namalolo emfene yonke imihla kwada kwasekupeleni.

YEYIPI IDIP EYINKUNQELE?

KAKADE elowo ongumenzi ubanga indawo epambili, waye elowo engenzi ngozi inkulu, kodwa kule kukoyisebenzisileyo ukuba agqibe apo agqiba kona. Inxalenye yabenzi ikubona kulungile ukubhengeza okungenamsebenzi, nempatelelo ezingcita ekwenzeni kwabashiyiselana nabo, ezingati nokuba azidalanga ngozi, njengokuba abafuyi begusha befuna izixakato nemisebenzi eyiyiyo, noko ihleli ibonakalisa umoya ongemhle emsebenzini obungafanele ukubako; ibisoloko ililinga letu ukuba singenzi ezalata ubani nokuba kusemicimbini yabanye abantu. Ke, ngenxa yokuba sipaule ipetshana elisand' nkushicilelwa lu Manyano Iwabenzi be Dip ze Gusha elalikalimela nzima *ImiqayeDip,* yaye lonkalimo ingaba igxeleshe mhlaumbi oka Hayward Umqa oyi Dip, siyakuxela ke inyaniso zodwa ukupendula olomanyano:—

OKA HAYWARD UMQA OYI DIP unamandla waye upilisa, waye utshwebeleza ekudaleni izihlobo ngamacalana onke.

OKA HAYWARD UMQA OYI DIP utunye- Iwa ubotshwe ngokute nqi, waye utata *isizekevana sendaivo* esigqita zonke i Dip ze Gusha ezenziwayo.

OKA HAYWARD UMQA OYI DIP awufuni *manzi ashushu, abandayo anele,* awubi pantsi kwemeko ezibuyeza, awuguquguquki emandleni, nemo yelizwe awuwenzi nento le ; kude kube linamhla ungowona ote ukuvingewa oku kwanyaniswa emisitweni, ushiya i intsila (grease) ehleli iko kade eboyeni, waye uboya ungabenzi bube luncangati.

Abafuyi begusha abasebenzisa Umqa wetu oyi Dip bayakufumana ezincazelo zingapezulu zinyanisa.

EKA HAYWARD I DIP ENQUMBULULU nakuba iluhlobo lumbi ukuba kuyekwe ku Mqa oyi Dip, ikwa ngumalane ne *Bhula* xa ngaba kutandwa engenatyefu. Le Dip Inqumbululu iyakwanelisa ngokukulu kwabayisebenzisileyo.

Ezi Dip azizanga zagqweswa mnyadala zaye ke zalingwa ngokomelezeleyo ngaba Hloli Bhula, intenga-mboya nabakolisekileyo. Ziquka imo ezilungileyo ze Lime Sulphur (salfa), ne Cuba ngapandle kwengozi ezikuzo njengaxa zisetyenziswe zisekwisiqibi soburwada, zaye emaxabisweni zilingana ngokwamkelekayo. Indleko yokudipa idla *ihalafu yepeni* nge gusha nomsetyenzana ongepi kanye betuni.

Yitshoni kwivenkile enimele zona ziniyalezele eka HAYWARD i DIP ekulo lonke ngoku elase South Africa.

I Arente ngo BAKER, BAKER and CO., E-QONCE.

UKUGXOTWA KWABANTU.

Abantu base Koloni abakwelaba Putini kutiwa bagxotiwe yinkosi yakona u Khama kuba engabatandi. Obe kona uti :—Nge 27 December wababutela bonke ndawonye nabantu bake abambalwa wati, Maxosa yazini into endinibizele yona yile: Nditi hambani nimke nouke apa kwa Mangwadu, ngokuba abantu bam abasafumani kuzeka ngenxa yenu kuba nisuke nazeka abaPutini abantwana begazi abanganifaneleyo nina, kengoko nitshabalalisa imbewu yaba Putini na- ndisa eyama Xosa engafuneki nganto apa, ko hambani nonke. Andilindele mpendulo kuni, nditetile, ndigqibile. Ke nditi, ndaza ndabona inkosi yom-Sutu engafuni bantu ; ndaza ndayiva nenkosi engafuni kupendulwa ngabantu kodwa iteta, igwebe, igqibe yodwa.

AMANANI EZINTO-

IMARIKE YASE QONCE.—Ngo Mgqibelo, 7 January:—Ibhotolo 1/5 ne 2,4 ngeponti; Amaqanda 6d ne 1/ ngedazini ; Ihabile 1/5 ne 2/4 ngeknlu ; Ihabile ebhuliweyo 5/3 ngekulu ; Itapile 6/6 ne 11/ ingekulu ; Umbo- na 9/9 ngekulu; Inkuku 71d ne 1/ inye; Umgubo 15/ ngekulu ; Imbotyi 15/3 ngekulu ; Inkuni 5/ ne 29/ ngeflara.

Native Opinion

THURSDAY, JANUARY 12,1893.

SIR JAS. SIVEWRIGHT.

IN Mr. RHODES'S Ministry of " individualities," the Commissioner of Public Works possesses an individuality all his own ; and is, perhaps, the most popular man in the Ministry with a class to whom brilliancy and cleverness are everything. Sir JAMES SIVEWRIGHT is at the present moment with the Premier in " the land of the Pharoahs," and report says from thence he will return to England. Meantime all sorts of rumours are afloat as to the not distant future of the popular Commissioner. Most rumours are worthless, and are sometimes mischievous to the extent of discrediting those who give them currency ; but there are others which have a semblance of correctness about them ; and in these it is safe to deal, on the principle that there cannot be smoke without fire. The most persistent rumour about Sir JAMES SIVEWRIGHT is that he will very soon be taking the post now occupied by Sir CHARLES MILLS as Agent General. No more fitting successor could be found Sir CHARLES has long been in harness, and it is no reproach if he has betimes hinted his desire to be relieved. Sir JAMES SIVEWRIGHT last stated that even if he lived for another hundred years he could not hope to do a better day's work than the magnificent work he achieved in connection with the negotiating and pushing forward the Railway with phenominal speed to Johannesburg. Such being the case he might not attach that importance to his political prospects in the country which men with still a wish to distinguish themselves may very reasonably do. Taking to the comparative retirement of an Agent General for the Colony in London, therefore, might not mean much to one who thinks he could not hope to do more for his day and generation. And here we may be permitted to say that Sir JAMES SIVEWRIGHT has laid the present generation under a debt which none would care to conceal. The other rumour about Sir JAMES is started by the *Friend of the Free State,* a journal well known for modest and careful statement. It is to the effect that he will not return to South Africa having been offered the position of Manager of the Eastern Telegraph Company. In addition to these must be taken the share of the Commissioner in the LOGAN contract. All these things taking together are sufficient to tempt anybody to retire on his *otium cum dignitate ;* that is so far as South African affairs are concerned. It would bo no surprise therefore to learn that Sir JAMES SIVEWRIGHT has decided to realise in the Colony and take up his home in London ; in which case Mr. VINTCENT would most probably enter the Cabinet.

A NEED

ARE MARK occurs in the Lovedale Report for the year which claims more than passing notice. Last year the Institution resolved upon taking no pupils into it who were below Standard IV. " The rule has been acted on," says the Report, " with generally " satisfactory results, the only real " disadvantage of wanting the " lower Standards here, being that " noted in the class Report of Mr. " ROBERTS, that those trained " through all the standards in the " Institution itself furnished better " material for the Normal and " higher classes than we were now getting." In plain language the pupils who come from country schools with a certificate that they had passed the IVth Standard are not so well grounded as those prepared in the lower standards by the Institution. This confirms a cetention that has been urged in these columns time and again, that through lack of a sound teachers' training, those engaged in country schools were doing incalculable damage to the cause of education. Teaching, regarded in its true light, is as much a profession, requiring special instruction, as Medicine and the Law, and whoever takes to it not having had the needful training, cannot be regarded as anything else than an amateur. Now, no distinct provision has as yet been made in connection with our educational system (always barring what was done at Heald. Town, when Mr. GEORGE BAKER from Westminster Training College was there,) to turn out properly Trained Native Teachers. Consequently, the laying of the foundation of the children's education at the out-station schools will ever be indifferent work, needing undoing, just when the real superstructure has to be laid; and we are thus not at all surprised by the statement to which we have called special attention in the Lovedale Report. As things are, the pros pect, educationally, is dark and cheerless, since every test—and the last Teachers' Examination afforded a regular eye-opener— goes to prove that the material forthcoming for the grounding of the young in the elements of education is not to be depended upon. The only silver lining to the cloud is that the Wesleyans are about to look into this very subject in their District Synods this month. But we fear their labours will be barren of good result if they are deserted by the sanctified common sense that should dictate to them the wisdom to reestablish Heald Town Institution, with Mr. GEORGE BAKER as Headmaster, solely as the centre for furnishing the country with efficiently trained teachers, as was the case many years ago ; all the other institutions being set free to work for industrial or purely University education. The education Department could, we think, usefully come in to encourage a scheme which would give at least one truly Normal Native School in connection with the Department.

TRANSVAAL ELECTION

UNDER the Government of the Boer in the Transvaal the Native's not considered as having any rights. Although, therefore, there is a considerable Native population within the limits of the Republic, the Government professes such an indifference towards them that they are hardly mentioned except in case those under their own chiefs give the authorities some trouble. As we all know this fate the Native to a great extent shares with the *Uitlander.* Nevertheless, both these people are not to be done out of their opinions on matters affecting their good Government; and they are watching with a certain amount of interest, although they have not votes, the Presidential Election that is to come off in the course **of** the month. The attitude of the *Uitlander,* who has already started a vigorous agitation for his rights, is that of one looking on, satisfied that whichever side carries the election he stands to gain some advantage. It is generally considered in the Transvaal that the contest between Mr. KRUGER and Mr. JOUBERT is a pretty close one, and is one bound to result in solidifying antipathies between the combatants, from which event the National Union hopes to benefit. Either party is bound to recognise the existence of a body of men such as that forming the National Union, and by one party or the other the reasonable demands of the *Uitlander* will have to be conceded. The Native, on the other hand, is a silent spectator of the events of an arena which he may not enter. But he, also, has the privilege to enjoy his likes and dislikes; and so far as he is concerned, he would much rather see Mr. KRUGER re-elected. Mr. JOUBERT is somehow considered as a schemer and a trickster without a redeeming trait; and as Minister for Native Affairs he has by his crass indifference to Native sufferings shown that they may expect nothing from him when he is at the head of affairs. Mr. KRUGER, uncanny as is his administration, is nevertheless susceptible to strong religious influences which keep him from inflicting gross injustice on Natives. He has shown himself at times that he takes an interest in their efforts to progress. But General JOUBERT believes in nothing else but force and bravado as the solution of Native difficulties, and his recent unjust action in the matter of the SEKUKUNI chiefs reveals him in his true colours. As far, then, as Natives are concerned, they would far rather have Mr. KRUGER with his Hollanders, than Mr. JOUBERT with Boerdom untempered with mercy towards the black man.

Topics of the Day.

THE last *Uitenhage Times* UITENHAGE contains an intimation and BYE ELECTION, a statement of the reasons of Mr.Bidwell's retirement from the contest for the Parliamentary vacancy. The want of support from some of the independent school of electors, and fickleness on the part of others who are giving themselves away to the Bondman are the two reasons assigned. If, as is currently reported, Mr. A. Fowler will come forward as candidate in the interests of the Independents, the seat may not pass on to the Bond without a fight. But in any case the local leaders like Hon. J. F. Dolley and Mr. Mackay, M.L.A., are much blameworthy for the way the cause of Independentism has been bungled. It was quite in their power, knowing the body of the electors cannot help themselves so far as the putting forward of a candidate, to have early fixed upon an eligible gentleman.

WE naturally feel en- COMPLIMENTS couraged to find that our WORTH feeble efforts to make this HAVING, little journal acceptable are appreciated by those whose opinions are worth having. One of our most intellectual European subscribers in a letter covering his yearly cheque remarks: "The continued prosperity and the growing influence of the paper is a source of gratification to all who wish well to the Native cause." It need scarcely be added that, if we do not entirely merit the kind opinion of our good friend, we shall spare no efforts in the future to deserve it.

PRIVATE NATIVE LOCATIONS.

LETTER TO THE EDITOR.

SIR,—I notice you quote a decision of the R.M. of Tarka to the effect that the Locations Act of 1892 does not apply to Natives working on what is known as the halves. It may however be of public importance, just at this time, to know that the Eastern Districts Court held in the case of Queen vs. Bullen (August 1891) that the words of the second section of Act 37 of 1884 do not admit of this exception. Unless the Native is in the *bona fide* and continuous service of the farmer, he will not be excempted from the operation of the Act merely because he works on the halves. The Court held that "continuous service" meant a continuous, uninterrupted hiring for wages; and that working odd days a week at a fixed rate of wages per day, or working whenever the Native's services might be required was not continuous employment in the meaning of the Act. So that I am afraid the decision **you** refer to, may be lulling many into false security.

The licences required under Act of 1892 have now to be taken out; and as it may be safely predicted that they will not be, unless the Native hands the money to the farmer, there will soon be some unpleasant complications. To avoid part of the pressure, it would be well if the various Divisional Councils at once acted on section 1 of Act 1892 and extended the permissible numbers on each farm, from three to six or seven as the case may be. I sympathise with the farmer who requires resident labour upon his farm, for the purpose of working it to the best advantage. By this means he not only secures a constant supply; but he learns the character of his men, and by this means obtains some security for honesty. Parliament has allowed the Divisional Councils to fix the limit for each farm at seven men, and this surely is reasonable enough. I am a great advocate for individual title, as you know, and greatly object to a continuation of the location system. But with all my objections to Locations, I cannot help thinking that fixing the licence at £1 per male, is a great deal too severe. I am totally opposed to force or what is equivalent to force, in government. It is a wrong principle to employ anywhere; but most so in this Colony. If the effect of the present rate of licence is to throw any large body of Natives at once upon the Colony, homeless and food less, we shall suffer for it. Had the licence on the other hand been 10s., many Natives would have paid it; those who did not, would not have been so large a draft upon the country, and might have been absorbed by the Western Province or by the Gold Fields. But when we know that there are nearly 5000 Natives on private land in one district alone, we get an idea of the probable results of the working of the Act throughout the Eastern Province, as it stands. What we wanted was a tax, which would have been a tax upon the system and no more. A tax of this kind works by degrees; it should be beneficial in operation, without violently injuring existing rights. In the present instance, we should have aimed at a gradual lessening of private locations, not a violent destruction of them. The latter style of Native policy is subversive of its object; and very often creates many more immediate evils than the one sought to be cured. I feel sure that Parliament passed this rateof licence, without exactly knowing, as it ought to have dune, how many persons in the Eastern Province were to be affected by it; and surely it is not too late for the Government to take the responsibility of delaying the actual payment of the licence, though it might now be applied for, until a **return** has been obtained for the consideration of Parliament, of the number of persons living on private locations, the approximate proportion of them which the present rate of licence will cause to be evicted, and the food supply which such persons probably to be evicted, would have to take with them. I should do this in the interest of no one so much as the stock farmer.

Yours truly,
VICTOR SAMPSON.

Grahamstown, 7th Jan., 1893.

FARES TO ENGLAND.—The action of the Union and Castle Steam ship Companies in raising the fares to England is being strongly animadverted upon by the whole Press of South Africa; and the effect of the step is generally stated to be to cause a large number of people to relinquish the journey to Europe.

ECCLESIASTICAL.—Rev. G. II. Mosel, M.A., who has been at St. Andrew's College, Grahamstown, has been appointed to assist the Ven. Archdeacon Grant at Queenstown.—The Wesleyan Districts Synods hold their sessions in the course of the month. The Grahamstown (Native) Section commences its sittings at Ann- shaw, near Middledrift, to-day under the chairmanship of Rev. T. Chubb, B.A., while the same section, in connection with the Queenstown District, presided over by Rev. Robt. Lamplough sits at the same time at Lesseyton.

For continuation of news see other side.